Isifundo 12

**Septemba 12–18*

Isigidimi Sokuthethwa

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
2 Pet. 1:12, 16–21; IsiTyh. 19:11–18; 14:14–20; Ints. 12:13, 14; IsiTyh. 14:6–12.

Indima Yenkumbulo:
"Ndabona esinye isithunywa sezulu, siphaphazela esazulwini samazulu, sineendaba ezilungileyo ezingunaphakade, ukuba sizishumayele kwabo bemiyo phezu komhlaba, nakwiintlanga zonke, nezizwe, neelwimi, nabantu; sisithi ngezwi elikhulu, moyikeni uThixo, nimzukise; ngokuba lifikile ixa lokugweba kwakhe; nimnqule lowo wenza izulu, nomhlaba, nolwandle, nemithombo yamanzi" (IsiTyhilello 14:6, 7).

Ukufa okucamagushelayo kukaKristu kwakukokwezwe lonke; ukuthi, kwakukokwabantu bonke abaka baphila, nokuba kwakunini, okanye kuphi. Ngoko ke, igospile ithetha kubantu bazo zonke iilwimi, iinkcubeko, nemvelaphi. Ihlanganisa imihlambi eyalanayo. Izindaba ezingakholelekiyo zokuba uYesu, ebomini baKhe, ekufeni nasekuvukeni, woyisa izikumkani namagunya obubi. Igospile ingoYesu kuphela. Wasifela kwaye ngoku uyaphila ngenxa yethu. Weza kwaba kanye ukuza kusihlangula kwisohlwayo negunya lesono kwaye esiza kwakhona ukuza kusihlangula kubukho besono. Wafa ukufa okufanele thina ukuze thina siphile ubomi obufanele Yena. KuKristu siyagwetyelwa, singcwaliswe, ngenye imini siza kuzukiswa. IBhayibhile iqwalasela ukuza kukaYesu okukabini. Weza kuqala ukuza kusihlangula kanti uza kuza ukuthabathela ekhaya oko wakuthengayo ngexabiso elikhulu. Incwadi yokugqibela yeBhayibhile, yabhalwa ngokukodwa ukulungiselela ihlabathi ukubuya kwaKhe. Sisigidimi esikhawulezileyo sesi sizukulwana. Kwisifundo sale veki, siza kufunda ngokulungela kwesiTyhilelo abantu abaphila kwinkulungwane yama-21. Sisonke, siya kufumana ngokutsha isibheno sikaYesu kwibandla laKhe lomhla wokugqibela ukuba libabaze esi sigidimi sexesha lokuphela.

**Lungiselela iSabatha kaSeptemba 19 ngokufunda esi sifundo.*

Isigidimi SikaPetros Senyaniso Ekhoyo

Kuyo yonke imbali yosindiso, uThixo wathi rhoqo ethumela isigidimi esisodwa ngeLizwi lobuprofeti ukulungisela abantu oko kwakusiza. UThixo akazange afunyanwe engalindele (Isa. 46:9, 10). Ubalungisela abantu ixesha elizayo ngokuthumela abaprofeti ngaphambi kokuba kuwe isigwebo (Amos 3:7). Ngemihla yaphambi kukaNogumbe, uThixo wathumela isigidimi emhlabeni ngoNowa esithi uNogumbe uyeza. EYiputa, uThixo waphakamisa uYosefu ukuba alungiselele indlala ngexesha leminyaka esixhenxe yentlutha. Abaprofeti bakwaYuda bazilumkisa iinkokeli zakwaIsrayeli ngokutshatyalaliswa okuzayo kweYerusalem yimikhosi yaseBhabheli. Isigidimi sikaYohane umBhaptizi senguquko salulungisela uhlanga ukuza kokuqala kukaYesu.

Funda: 2 Petros 1:12. Sithini isaci asisebenzisayo uPetros ukuchaza isigidimi sikaThixo esiza kwisizukulwana sakhe?

Funda: 2 Petros 1:16–21. Sasisithini esi sigidimi "senyaniso leyo ikhoyo" esasivakaliswa nguPetros nabafundi?

Isigidimi esibaluleke ngonaphakade kwinkulungwane yokuqala sasisesokuba uKristu ufikile. Uthando lukaBawo lwatyhilwa ngombingelelo kaKristu emnqamlezweni. Nangona "umvuzo wesono ikukufa," ngoKristu ubomi obungunaphakade buye bazuzelwa bonke. Kukukhetha kwethu ukuba ngokholo siya kubamkela na (Roma 3:23, Roma 6:23, Efese 2:8). Esi sigidimi sosindiso kuYesu asisayi kuze siphelelwe lixesha. Siyinyaniso ekhoyo kwisizukulwana ngasinye. Incwadi yokugqibela, isiTyhilelo, imbeka uYesu nosindiso lwaKhe lukanaphakade kwimo yexesha lokuphela ukuba alungiselele abantu ukubuya kwaKhe okukufuphi. Ityhila inkohliso yesithethe sabantu nenkolo ejonge emntwini. Kususela ekuqalekeni kuse ekupheleni, isiTyhilelo simveza uYesu nomsebenzi waKhe esenzela uluntu. UYesu ulingqina eliyinyaniso lesimilo sikaYise. Ungumlawuli phezu kookumkani bomhlaba. Ungu "Lowo wasithandayo, wasikhulula ezonweni zethu ngelilelakhe igazi, wasenza ookumkani nababingeleli kuye uThixo uYise" (bona IsiTyh. 1:1–6). IsiTyhilelo singoYesu nesigidimi saKhe sexesha lokuphela ukwenza abantu baKhe bakulungele ukubuya kwaKhe okumsinyane.

Xa ucinga ngencwadi yesiTyhilelo yintoni ethi qatha kuwe engqondweni? Ingaba iingcinga zakho zikakhulu ngamarhamncwa nemifuziselo yesiprofeto ngaphezu kukaYesu? Ucinga ukuba kwakutheni ukuze asinike iziprofeto kwisiTyhilelo? Ziwatyhila njani amacebo waKhe ngoluntu?

Ukuqwalasela Kwixesha Lokuphela KwesiTyhilelo

IiVangeli zizinze kakhulu ekufikeni kokuqala kukaKristu. Zixela ibali lokuzalwa kwaKhe, ubomi baKhe nolungiselelo lwaKhe, ukufa nokuvuka kwaKhe. Nangona zithetha ngokubuya kwaKhe kwesibini, asiyiyo eyona nto ziyicinezelayo leyo. Incwadi yesiTyhilelo yona, kodwa, iyincopho yedabi elide leenkulungwane zamaphakade. Isiprofeto ngasinye sayo siphela ngokubuya ngobuqaqawuli kweNkosi yethu.

Funda: IsiTyhilelo: 1:7, IsiTyhilelo: 11:15, IsiTyhilelo: 14:14–20, nesiTyhilelo: 19:11–18. Sesiphi isiphelo esifanayo osibonayo kwindawo nganye kwezi?

Kususela kwesokuqala kuye kwesokugqibela isahluko sesiTyhilelo incopho yesiprofeto ngasinye kukubuya kwakhona kukaYesu. "IMvana eyaxhelwayo" (IsiTyh. 5:12). Iseza kwakhona inguKumkani wookumkani, neNkosi yeenkosi (IsiTyh. 19:16). Iza koyisa zonke iintshaba ezicinezela zitshutshise abantu baYo (IsiTyh. 17:14). Iza kubahlangula kobu bumnyama boyikekayo besono ibase kwikhaya lozuko. Imbambano enkulu phakathi kokulungileyo nokubi iya kuphela. Umhlaba uya kwenziwa mtsha, baze abahlangulweyo bahlale neNkosi yabo ngonaphakade (IsiTyh. 21:1–4). KwisiTyhilelo 22:7 (khangela neendima ze-12, 17 ama-20), uYesu uthi: "Yabona, ndiyeza kamsinya; unoyolo lowo uwagcinayo amazwi esiprofeto sayo le ncwadi." Kungoko, isibheno sikaYesu kulo lonke uluntu isesokuba lusabele kuthando lwaKhe, lwamkele ubabalo lwaKhe, lulandele inyaniso yaKhe, ukuze lulungele ukubuya kwaKhe okumsinyane. IsiTyhilelo siphela ngesimemo sikaYesu, "UMoya nomtshakazi bathi, Yiza!" (IsiTyh. 22:17).

INkosi yethu imema bonke abo bafuna ubomi obungunaphakade ukuba baze kuYo. Ukwabamema abo bethu basamkeleyo isigidimi sosindiso abathi ngolangazelelo balindele ukubuya kwaYo ukuba bahlangane naYo ekumemeni abanye ukuba basamkele isigidimi sothando lwaYo. Isithuma kumsebenzi waYo wokuvakalisa isigidimi saYo ukulungiselela ihlabathi ukuza kwaYo okumsinyane. Akukho nto inika umvuzo ngaphezu kokusebenza kunye noYesu kwicebo laKhe lemini yokugqibela losindiso.

UKristu, uyeza kamsinya? UYohane wawabhala loo mazwi kwisithuba sama-2,000 eminyaka eyadlulayo. Phofu, ngokolwazi lwethu lwemeko yabafileyo, kutheni le nto ukubuya kukaKristu kwesibini, kuthi ngabanye ngokwamava wethu, kungeyonto engaphezulu komzuzwana emva kokuba sifile? Le nto isinceda njani ukuba siyiqonde indlela ekukhawuleze ngayo, ngokwenene, ukuza kukaYesu?

Isigidimi Sexesha Lokuphela SesiTyhilelo

Umbindi odlula yonke kwisiTyhilelo sisahluko se-14. Esi sahluko siphambili ngokubaluleka kubantu bakaThixo abaphila kwimihla yokugqibela yembali yehlabathi. Sityhila isigidimi somhla wokugqibela eluntwini. Esi sigidmi sexesha lokuphela sibalulekile kubantu bakaThixo nakulo lonke uluntu.

Funda: IsiTyhilelo 14:14–20. Mfuziselo mni osetyenziswe apha ukunika umfanekiso wokubuya kweNkosi yethu?

Umfuziselo wesivuno usetyenziswe kuyo yonke iBhayibhile ukuchaza ukubuya kukaKristu (Mat. 13:37–43, Marko 4:29). KwisiTyhilelo 14, isivuno sokutya okuziinkozo okuvuthiweyo kufuzisela ukuhlangulwa kwamalungisa, kanti ukuvunwa kweediliya ezivuthwe zagqithisa kubonisa ukutshatyalaliswa kwabakhohlakeleyo. IsiTyhilelo 14:6–12 sinesigidimi esikhawulezileyo somhla wokugqibela ukulungiselela amadoda nabafazi isivuno somhlaba sokugqibela.

Funda: IsiTyhilelo 14:6, 7. Uthini oyena ndoqo wesigidimi esifunyanwa kwezi ndima zimbini? Zisinceda njani ukuba siqonde ukuba thina singoobani singama Seventh-day Adventists?

Isigidimi sengelosi yokuqala kwiTyhilelo 14 sibhenela kwisizukulwana senkulungwane yama-21 esinga singanenjongo ebomini baso. Sinika iindaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo olunika uxolelo kubo bonke abantu. Siyasihlambulula kubutyala besono, sisinike amandla okuba ngaboyisi. Esi sigidimi sinika isiseko sako konke ukuxabiseka komntu kwinto yokuba uKristu wasidala wasihlangula. Salatha ukuba ngenye imini yonke intswela-bulungisa iya kufikelela ekupheleni ngomgwebo kaThixo wokugqibela. Ziindaba ezilungileyo ekunzima ukuzikholelwa kuba zityhila ukuba ukungalungisi akusayi kuhlala ngonaphakade.

"Ngendlela eyodwa ama-Seventh-day Adventists abekwe emhlabeni njengabalindi nabathwali-kukhanya. Banikwe isilumkiso sokugqibela esiya kwilizwe elitshabalalayo. Kubo kukho ukukhanya okumangalisayo okuphuma eLizwini likaThixo. Banikwe umsebenzi obaluleke ngeyona ndili inkulu- ukuvakalisa izigidimi zengelosi yokuqala, neyesibini, neyesithathu. Awukho omnye umsebenzi omkhulu ngokubaluleka nje ngalowo. Akufuneki bavumele nantoni eyenye ukuba itsale ingqwalasela yabo." —Ellen. G. White, *Evangelism*, pp. 119, 120. Silibandla, mhlawumbi okubaluleke kakhulu, singabantu ngabanye ngabanye, singawafaka njani la mazwi entliziyweni?

Ukuqonda Isigidimi SikaThixo Ngokupheleleyo

Isigidimi sesiTyhilelo semini yokugqibela simbeka uYesu ngokuphelela kobabalo lokusindiswa kwaKhe lonke uluntu(IsiTyh. 14:6). Sisibheno esinenzondelelo sokuba "koyikwe" okanye kunikwe imbeko uThixo kuko konke esikwenzayo-sihloniphe imiyalelo yaKhe sithobele umthetho waKhe ngokuhambelana nomgwebo kaThixo (IsiTyh. 14:7). "Ukoyika uThixo" kunento yokwenza nendlela esicinga ngayo. Kusisibheno sokuba siphilele ukukholisa uThixo nokubeka Yena kuqala kuzo zonke iingcinga zethu. Yingqondo yokuthobela esenza ukuba siphile ubomi bokuhlonela uThixo (Imiz. 3:7, IZenzo 9:31, 1 Pet. 2:17). Esi sigidimi sikwasimema ukuba "simzukise uThixo." Ukuzukisa uThixo kuhambelana noko sikwenzayo macaleni onke obomi bethu.

Funda: Intshumayeli 12:13, 14 no-1 Korinte 6:19, 20. Zisinceda njani ezi ndima ukuba sikuqonde kokubini-ukoyika uThixo nokumzukisa?

Kule mihla yokuziphatha ngokungakhathali, xa izigidi zabantu ziziva zingenakunika ngxelo nakubani ngaphandle kweziqu zazo, esi sigidimi sexesha lomgwebo sisikhumbuza ukuba sinoxanduva lwezenzo zethu. Kukho ukuhambelana phakathi kokunika imbeko uThixo, ukuthobela uThixo, nomgwebo. Ukuthobela kusisiqhamo solwalamano olusindisayo noYesu. Bubulungisa baKhe kuphela obunge ngokwaneleyo ukuba budlule emgwebeni kwaye, ebulungiseni baKhe, sikhuselekile. Ngobulungisa baKhe, siphilela ukuzukisa igama laKhe kuko konke esikwenzayo.

Funda: IsiTyhilelo 14:7, IsiTyhilelo 4:11, Genesis 2:1–3, ne-Eksodus 20:8–11. Siyintoni isiseko sako konke ukunqula uThixo ngenene, yaye ikubonakalalisa njani iSabatha oku kuqonda?

USathana uye wayihlasela iSabatha kuba esazi ukuba ingumbindi wonqulo. Iphakamisa uKristu njengoMdali ize ibhenele kubo bonke-amadoda nabafazi-kuyo yonke indawo ukuba "bamnqule Lowo wenza amazulu nomhlaba" (IsiTyh. 14:7). Ithetha ngokufaneleyo kwisizukulwana se-evolushini. Isibiza ukuba sibuyele ekunquleni uYesu owasidalayo nosinika ingqondo yokuba nexabiso kwethu kuYe.

Cinga ngokubaluleka kweSabatha njengesikhumbuza uThixo onguMdali wethu nokuphela kwaKhe ofanelwe kukunqulwa sithi. Ngapha koko, yeyiphi enye imfundiso ebaluleke kangangokuba uThixo ayiyalele, elawula inxenye yesixhenxe yobomi bethu zonke iiveki ukuze isincede sikhumbule Yena njengoMdali?

Isibheno SikaThixo Sokugqibela

Funda: IsiTyhilelo 14:8, IsiTyhilelo 17:3–6, nesiTyhilelo 18:1–4. Yintoni esiyifunda ngeBhabheli yasemoyeni kwezi ndima?

Kwincwadi yesiTyhilelo, isaci "Bhabheli" simele uhlelo lwenkolo yobuxoki esekelwe phezu kwemisebenzi yomntu, izithethe ezenziwe ngumntu, neemfundiso zobuxoki. Iphakamisa abantu nobulungisa babo ngaphezu kukaYesu nobomi baKhe obungenasono. Ibeka imiyalelo yeetitshala zenkolo ngaphezu kwemiyalelo kaThixo. IBhabheli yayiliziko lonqulo lwezithixo, unqulo lwelanga, nemfundiso yokungabi nakufa komphefumlo. Olu hlelo lwenkolo yobuxoki luye lwangena ngokurhubuluzayo kwizenzo ezininzi zeBhabheli yakudala; zangena kunqulo lwayo. Isigidimi sikaThixo somhla wokugqibela esiza kule planeti yethu ifayo sisigidimi sikaYesu nobulungisa baKhe. Sivakalisa isibheno sezulu, "Iwile, iwile iBhabheli, . . . Phumani kuyo, bantu bam" (IsiTyh. 18:2, 4). UThixo uvuse ngokwezulu iBandla laBalindi [iSeventh-day Adventist Church] ukuba liphakamise isigidimi sikaKristu kuko konke ukuphelela kwaso. Ukuphakamisa uYesu ukuphakamisa yonke into awayifundisayo. Kukuvakalisa Lowo "uyindlela, inyaniso nobomi" (Yohane 14:6). Kukutyhila phandle iimposiso zeBhabheli ezichasene neenyaniso zikaYesu.

Funda: IsiTyhilelo 14:7, 9–11. Njongo zini zonqulo ezibabaziweyo kwezi ndima?

IsiTyhilelo 14 sichaza izenzo ezibini zokunqula—ukunqula uMdali, nokunqula irhamncwa. Ezi zenzo zokunqula zimiliselwe kwimini kaThixo yonqulo, iSabatha yenyaniso, naleyo imi endaweni okanye unomgogwana weSabatha. ISabatha imele uphumlo, isiqinisekiso, nenkuseleko esinayo kuKristu uMdali wethu, uMhlanguli, noKumkani ozayo. Imini eyinkohliso imele umntu nemi ibubuxoki imiliselwe ekucingeni komntu nasemithethweni eyenziwe ngumntu.

Funda: IsiTyhilelo 14:12. Ithini le ndima, ngakumbi ngokoko kubhalwe ngaphambili? Umthetho nobabalo zizinto ezivezwe njani kule ndima, kwaye oku kufanele ukusifundisa ntoni ngendlela umthetho nobabalo iyimiba emibini yegospile engakwaziyo ukwahlukana?

Ingcamango Eyongeziweyo:

"UThixo ubize ibandla laKhe leli xesha, njengoko wabiza uIsrayeli wakudala, ukuba lime libe kukukhanya emhlabeni. Ngezembe elinamandla-isigidimi seengelosi, eyokuqala, eyesibini, neyesithathu-ubahlule kumabandla nakwihlabathi wabazisa ukuba babe kubungcwele obukufutshane kuYe. Ubenze ukuba babe ngabagcini bomthetho waKhe wabanika iinyaniso ezinkulu zesiprofeto seli xesha. Njengemithetho engcwele eyanikelwa kuIsrayeli wakudala, le iyinto engcwele egcinelwe ukuba igqithiselwe ehlabathini. "Iingelosi ezintathu zesiTyhilelo 14 zimele abantu abamkela ukukhanya kwezigidimi zikaThixo baze baphume njengabathunywa baKhe bayokuvakalisa isilumkiso kubo bonke ubude nobubanzi bomhlaba. UKristu uthi kubalandeli baKhe: 'Nina nilukhanyiselo lwehlabathi' Mateyu 5:14. Kuwo wonke umphefumlo owamkele uYesu, umnqamlezo waseKalvari uyathetha, uthi, 'Bona ixabiso lomphefumlo.' "Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nizivakalise iindaba ezilungileyo kuyo yonke indalo." Marko 16:15. Ayikho into ekufuneka ivunyelwe ithintele lo msebenzi. Ngumsebenzi obaluleke ngaphezu kwako konke wexesha lethu; kufuneka ufikelele kumaphakade. Uthando lukaYesu olwaya lwavezwa ngenxa yemiphefumlo yabantu umbingelelo awawenzayo ukuza bahlangulwe, luya kubaqhuba bonke abalandeli baKhe. "Awu, uKristu wamkela ngovuyo!sonke isenzeleli esingumntu ozinikele kuYe. Umzisa umntu lowo kubunye nezulu, ukuze akwazi ukudlulisela ehlabathini iimfihlelo zothando olwaba ngumntu. Thetha ngalo, thandaza ngalo, vuma ngalo, zalisa umhlaba ngesigidimi senyaniso yaKhe, uqhubeke ubheka kwimimandla ekwelinye icala." —Ellen G. White, *Counsels for the Church*, pp. 58, 59.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1.Izigidimi zeengelosi ezintathu zesiTyhilelo 14 ziwubonisa njani umongo webandla lamaSeventh-day Adventist?

2. Cinga ngeSabatha nokubaluleka kwento eyimeleyo. Njengoko sibonile kule veki, isigidimi enaso sibaluleke kangangokuba uThixo uyalela ukuba sibeke bucala inxenye yesixhenxe yobomi bethu ukuze simkhumbule njengoMdali noMhlanguli wethu. Kanti ngokungafaniyo nentaba engcwele okanye umzi ongcwele, asidingi ukuba sinyuke siye kuwo ukuya kunqula. Zonke iiveki, kangangesithuba sewaka leemayile ngeyure [ngakumbi phaya ngasembindini womhlaba], iSabatha iza kuthi. Le nyaniso isinceda njani ukuba sikuqonde ukubaluleka komhla noko walatha kuko?

3. Singayichaza njani ingcamango yokuwa kweBhabheli okanye ingqqiqo yophawu lwerhamncwa ngendlela enomtsalane? Oko kukuthi, singazibeka njani ezi nyaniso ngeyona ndlela ikhubekisa kancinane kakhulu esingakwazi ngayo, nangona kufuneka siqondile ukuba, nokuba singasebenzisa awona malinge aphucukileyo esinawo, abanye abantu baza kukhubeka?